Isalathiso: 20191210-2602
Inombolo yefayili 12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0001/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) ka-2020 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo

1. ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neyezikolo ezizimeleyo iya kusetyenziselwa ukulawulwa nokuphathwa kwezikolo, kwakunye nokukhutshwa kwezibonelelo zango-2020.

2. ISaveyi eQuphayo mayizaliswe yaye isayinelwe yinqununu kwi*CEMIS* ungadlulanga owe-**28 Januwari 2020** (ngosuku lweshumi lwesikolo).

3. Phambi kokusayinelwa kwayo kwi*CEMIS*, inqununu mayiqinisekise oku kulandelayo:

    a) Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo ngo-2020 mabavele kwibakala nakwiklasi echanekileyo yabo kwi*CEMIS*.
    b) Nabaphi na abafundi obelindeleke ukuba babuyele esikolweni, kodwa abafika esikolweni sakho kwade kwadlula owe-28 Januwari 2020, ukuza kubhalisa, bayakhutshwa ezincwadini ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo wokuhamba isikolo kwabafundi. (Aba bafundi banokubhaliswa kwakhona kwi*CEMIS* ukuba beza kubhalisela ukwamkelwa esikolweni emva kwe-28 Januwari 2020).
    c) Ilisti yootitshala/yeepraktishina ezikwi*CEMIS* mayihlaziywe yaye ingqinisiswe, ukususela nge-28 Januwari 2020, yaye kungqinisiswe nemeko yokuqeshwa kwabo kwi*CEMIS*.
    d) Icandelo lokusayinelwa kwesaveyi malizaliswe ukuvuma ukungqinisiswa kwedatha njengebonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi kunye nenani labasebenzi *(staff),* ukususela nge-28 Januwari 2020.
    e) Kukhunjuzwa iinqununu ngendima yazo njengamagosa asingethe i-*EMIS* kumaziko yaye kufuneka ziqinisekise ukuba ingcaciso efakwe ekhompyutheni ngethuba leSaveyi eQuphayo ibonisa ngokuchanekileyo amanani abafundi nabasebenzi esikolweni ngomhla lowo.
    f) Iinqununu maziqinisekise ukuba amanani abafundi afakelwe kwiSaveyi yeSNAP achanekile, njengoko iimposiso kumanani abafundi ithathelwa ingqalelo njengesenzo sobuqhopholo.

4. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yabafundi neyootitshala bakho, kukho iqela leengxelo eziziimposiso ezifumanekayo eziya kukukhokela ukuchaneka kwedatha ekhoyo efakwe kwi*CEMIS*.

5. Kucelwa niqinisekise ukuba zonke iimposiso eziboniswe zezi ngxelo ziyasonjululwa phambi kokuba zisayinelwe iingxelo.

6. Xa kuthathelwa imingcipheko emalunga nedatha yobhaliso engachanekanga enikwe zizikolo njengoko kuqatshelwe yiYunithi eyi-*Internal Audit Unit*, izithili zimele ukukhetha ngokungamiselwanga ubuncinane i-10 pesenti yezikolo kwisekethe, ukulungiselela ukuba kubalwe abafundi abakhoyo phambi kokuqukunjelwa kweziphumo zeSaveyi eQuphayo (*SNAP Survey results*). Naziphi na iiyantluko ezifumanekileyo ngethuba lokubalwa kwabafundi mazithunyelwe esikolweni ukwenzela ukulungiswa kwedatha.

7. Umhla osikiweyo olungiselelwe abaphathi beesekethe ukuba basayinele idatha yeSaveyi eQuphayo (*SNAP Survey data*) yi-**03 Februwari 2020**. Abaphathi beesekethe kuya kufuneka babeke esweni inkqubela yaye abasayi kuba nako ukusayinela iisethi zeedatha zesaveyi ukuba kusasele iimposiso nalapho iinqununu zingazisayinelanga iiSaveyi eziQuphayo zazo (*SNAP surveys*).

8. Kunyanzelekile ukusetyenziswa kwenombolo yesazisi kazwelonke (*national identity number*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zolawulo nokuphathwa kwezikolo ezikwikhompyutha. Ikho ingxelo ye*CEMIS* efumanekayo ukuqaphela abafundi abangenazinombolo zezazisi nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi evunyiweyo, makucetyiswe umzali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. Kucelwa iinqununu zibancedise abazali, apho kunokwenzeka, ukuququzelela le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. Makufundwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko 0005/2014 ukufumana ingcaciso engaphezulu.

9. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi wesekethe ochaphazelekayo okanye negosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

ISITHILI	**UMLAWULI WESITHILI WE-*CEMIS***	**INOMBOLO YEFONI**	**I-IMEYILI**
Metro North	Masixole Stofile Zintle Notununu	021 938 3052 021 938 3101	masixole.Stofile@westerncape.gov.za zintle.notununu@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za

Metro East	Buseka Ndinisa Thembeka Dlamini	021 900 7305 021 900 7011	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Kevin Van Eeden Shamiel Abrahams	023 348 0635 023 348 0655	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za shamiel.abrahams@westerncape.gov.za
Overberg	Suzanne Braaf	028 214 7411	suzanne.braaf@westerncape.gov.za
Eden & Central Karoo	Romelda America Keith Zibi	044 803 8367 044 803 8346	romelda.america@westerncape.gov.za keith.zibi@westerncape.gov.za

10. Umgangatho wedatha ye-*EMIS* uya kunxityelelaniswa neentlawulo zemimiselo nemigangatho ezenziwe ngoomatshini (*norms and standards transfer payments*). Iingxelo zokuthotyelwa kwemigaqo yedatha ye-*EMIS* ziya kufumaneka kwiinqununu ngokungena kwi*CEMIS*. Iinqununu zimele ukuququzelela iinkqubo zeSaveyi ye*SNAP* ukuqinisekisa ukuchaneka kwedatha efakiweyo, nokugqitywa ngexesha kwanokusayinelwa kwayo ngokunjalo.

11. ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo, nomgangatho wedatha engenisiweyo nokusayinelwa kweSaveyi ye*SNAP* engenisiweyo yaye liya kunika ingxelo ngako konke ukungathotyelwa kwale nkqubo, ukungangqinelani nokungapheleli kwayo idatha kwiNtloko yeSebe leMfundo (*HoD*).

12. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo eziqhelekileyo ukuba maziyazi imimiselo yobhaliso yazo. Makuqatshelwe ukuba ukulandela mbo iimfuno zedatha zeSebe i*WCED* kuyinxalenye yale mimiselo yaye ukungathotyelwa kwayo kunokukhokelela ekubeni izikolo zikhutshwe ezincwadini.

13. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liyalithakazelela igalelo nokuzimisela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye liyijonge ngethemba intsebenziswano yenu eqhubeka okoko ngo-2020.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-01-10